Downloaded from Stanmorephysics.com


basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**CANZIBE/SILIMELA 2025**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-29.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ikhikhizela laseDangwana' | 18 | 22 |
| | | |
| 6.2 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 17 | 24 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Ukwindla' | 17 | 26 |
| | | |
| 7.2 'ENxukhwebe' | 18 | 28 |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>(*UMonwabisi*) | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>(*Inzala YamaRhamba*) | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ikhikhizela laseDangwana')<br>('Izibhovubhovu zaseBhayi') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Ukwindla')<br>('ENxukhwebe') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Waba soloko ukho lo msantsa mbi kangaka wada walenza ishishini lagexa. Ababukeli abanjengooNozililo **babehleka kuvele nelomhlathi** begcoloda besithi, 'ufana umntu abe esiza nesipani sabantu ngathi kukho into ebhetele abaza kuyenza. Umntu makanikele kuthi torho size kumbonisa, ayeke ukusimonela singabemi bale ndawo.'

Enye into awayedla ngokungavisisani ngayo nomnakwabo yinto yokuba yena Nomakhwezi wayephikele ukuthabatha izinto ezityiwayo apha evenkileni azisebenzise engadibananga noThamsanqa, kuba kaloku incwadi le nto yayiza kuzona xa kufuneka zisongiwe ukuphela kweenyanga ezintandathu okanye unyaka. Kwakhona wayenesimbo sokusoloko wathumela iipasele zempahla nezimuncumuncu kunina emva ezithatha evenkileni engadibananga nomanejali. Kwakusithi kwakubakho ukungangqinelani kwezinto kuqale kwayena ukumbombozela uNomakhwezi ngelithi:

'Ewe kaloku abantu bazithandisa elokishini ngempahla yevenkile yam kuze kuthi kwakubalwa imali iwe nganeno. Ndandiyithethile ke le nto kuLungile. Uza kuyaleka ezi nkani zakhe. Into engekhe ihle yona kukuza kuphathwa ngomnye umntu emzini wam. Andiyiboni into yokuba ndibe ndixelelwa ukuba mandithi ndithi emzini wam. Nguwuphi umfazi okhe alawulwe ngezinto zomzi wakhe? Tyhini, hayi bethu thethani enye into ndinive.'
'Asitsho Sisi ukuba akungeyenzi into oyithandayo ngezinto zakho koko sithi bhala ezincwadini uxele ukuba uthathe ezi nezi ...'

1.1.1 Xela le nto kuthiwa yenza ukuba ishishini likaLungile ligexe. (1)

1.1.2 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kwaba babukeli bakaNomakhwezi kuthethwa ngabo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

1.1.4 Kwakutheni ukuze uLungile acele uThamsanqa ukuba aze kuhlala emzini wakhe? (1)

1.1.5 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababekunye noNozililo kwiyelenqe lokubulala uMpumelelo. (2)

1.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A UNtongana uyokufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.
B ULungile uthenga ivenkile kuMosia.
C UMpumelelo wenzelwa itheko lokumamkela. (3)

1.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba umlinganiswa onguMpumelelo wayekufuna ngamandla ukufunda aphumelele. (2)

1.1.8 Yintoni le wayengayazi uNomakhwezi malunga nalo mhlobo wakhe unguNozililo? (2)

1.1.9 Nika imfundiso eziswa kule noveli ngesimo esihle somlinganiswa onguThamsanqa. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu. Njengokuba iveki isiya icutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba **litshawuza imibane**. Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.

Wafika ephethe ubugcwabalalana bezinto ezinjengeziqhamo kunjalo nje ebuphathele inkosikazi yakhe. Yayikwakho nelokhwe awayeyifumene ngexabiso eliphantsi kula maxabiso entengiso, phofu yona iyeyexabiso ngokudalwa. UMpumelelo yena wayephathelwe ibhulukhwe.

Ibisisiqhelo esi. Utata xa azayo <u>kwakusaziwa ukuba uza kufika namaqithiqithi</u>, wonke umntu abe nento ayifumanayo. Ebesithi esihla nje abe esamkelwa ngumama nonyana nabapheki eze kuphathiswa impahla ayiphetheyo, athi esihla nje abe amanzi ashushu ebekwa. Kodwa namhlanje ufumene umnqa kwangaphuthunywa emva kokuba ethe 'pop ... pop!' ngemoto. Ngelishwa ke namhlanje noMpumelelo akakho. Uze ngoncumo ezimisele ukumqhula umfazi wakhe:

Downloaded from Stanmorephysics.com


> 'Hi mfazi, andidinwanga namhlanje ndiyimfe. Ngathi imilenze yam ibigweqe isifede sedonki into ethi ukuqhuphuza oku igande ndawo-nye ngathi nguwe mhla wawusina emtshatweni wasemaMpondweni utyityimbisa izidlele neempundu ulungiselela ukuba ndikubone, kuba kaloku izinto enizenzayo nasoloko nigxeleshile.'

1.2.1 Nika zibe MBINI izinto ezibonakalisa ukuba uNomakhwezi wayengamhloniphanga uYolisa ngokwesi sicatshulwa. (2)

1.2.2 Xela udidi lwesafobe olufumaneka kwibinzana elibhalwe ngqindilili. (1)

1.2.3 Xela le nto eyayibangela ukuba uNomakhwezi abe nomsindo ngakuLungile ngokwesi sicatshulwa. (1)

1.2.4 Cacisa ukuba kwamfaka njani engxakini uLungile ukushiya kwakhe uNomakhwezi aye kukhwela emotweni emva kwale ngxoxo. (2)

1.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba umlinganiswa onguLungile kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kosapho lwakwaNtsibande nolwakwaMakhwetshu kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

1.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba isakhono sikaMpumelelo kwezemidlalo saqaqamba ngethuba efunda eBlythswood. (2)

1.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli engolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Ngelinini, wada wagqiba ukuziqhola uLinda. Ukusuka apho, wathi khwasu-wasinga ngakwicala elalinomnweba abekholisa ukuwunxiba xa avukayo. Uthe akuwuthi wambu, wagqiba ukufaneleka.

Emva kwethuba, intwazan' enkulu ithe krwaqu iwotshi yayo yesihlahla – yancuma. Ithe ilugqiba nje olo ncumo lwayo luhle, yazolula phezu kweso situlo simfumamfuma, **yatshotshobela** ngakumnxeba weendaba owawukwalapho ngakuyo. Ichukumise iqhoshana, yalijikelezisa; yaya kwelinye, yalijikelezisa; yaya kwelinye, yalijikelezisa; nakwelinye, yalijikelezisa. Yandula ke ukuwubeka endlebeni umqheba wokuphulaphula – yalinda. Livakele linkenteza ilizwi ukuvela kwelinye icala lomnxeba. YayinguEddie ngenkqu – kanye lowo wayefunwa. 'Andiqhuli kanti, Eddie,' utshilo uLinda, ilizwi selijike lalelomntu ongaqhuli ngokwenene. Wayesitsho ke emva kokuba ekhe watshayelela ngeendatyana ezingephi – iindaba zothando.

'Ngokwenene andiphumeleli ukuya ebhayo namhlanje. Ewe, iseyilaa ngqele uyaziyo nawe; isandithe chu, kunjalo nje ngathi indibuyele ngamandla.
Suk' ukufane ukhathazeke okanye uzenze umntu okhathazekileyo …'
'Uyifumene laa ncwadi yam? Bendingaqhuli kwinto ebendiyithetha. Nangoku ulifumene ithuba lokudibana nesaa sithandwa sakho sesibini. Kunjalo nje sesona usithandayo kunam. Sukundibuza; uyamazi umntu endithetha yena ukhanyel' int' oyaziyo; uyamazi umntu endithetha yena.' Utsho ehleka uLinda, elindele ukuva ukuba uEddie uza kuhleka athini na yena.
Ibenye asuke wayiva – isithongakazi esilumezayo sokugadlelwa komqheba wokuphulaphula …

2.1.1 Xela le nto yayisenza ukuba uLinda azale luncumo. (1)

2.1.2 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kuLinda. (2)

2.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

2.1.4 Kwakutheni ukuze uDuma Hlelo andwendwele iofisi kaHlobo? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.1.5 Nika amagama abalinganiswa babebaBINI ababebanjelwe ukubulala uEddie Maga. (2)

2.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A UHlobo undwendwela e*Moonglow Night Club*.
B UEddie noLulama basweleka ngenxa yokudutyulwa.
C UNksk. Hobe undwendwela isikhululo samapolisa. (3)

2.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba umlinganiswa onguHlobo ebewenza ngemfezeko umsebenzi wakhe. (2)

2.1.8 Yintoni le wayengayazi uHlobo malunga noNksk. Hobe awayethetha naye kwisikhululo samapolisa? (2)

2.1.9 Nika imfundiso eziswa kule noveli ngesimo esibi somlinganiswa onguThembisa Ntlokonkulu. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Kwathini ke, Joe?'
'Kuthe kanti ngokujika oko, iyangqisha njalo intwazana.'
'Ingqisha iya phi na, Joe?'
'Iphuma ngomnyango. Ndithe mandilandele, ndineenjongo zokuyinika naluphi na uncedo elufunayo. Ubani ke! <u>Imbukumbuku enjengam lo ukusindwa ngamanqatha</u> yayingenakho ukumelana nezantya zodwenazana olunjengolo, into eyayiqhathula **ngathi ngumqalwa wehashe**. Ndathi ndiphuma yabe seyingasabonakali intomb' asemzini, sendibona kuphela imoto eseyitsala nayo ngokwayo.'

'Andiyazi nento eyabangela ukuba ndime apho ndingabuyeli kwaseholweni kuba into yokubukela umntu oshiywe yintaka yakhe yayingafuni mna.' Kodwa ke ndema ndiseso sipoyoyo sibukela umntu ongasabonakaliyo. 'Ndayibukela ke loo moto ibetha kuhle ukusinga ngakwesi singa singena kuso ngoku, ihamba kanye ngale ndlela sikuyo ngoku. Yema kanye kwesi sithuba, yacinywa, kushiywa ezingasemva izibane zilinengenenge elibomvu. Ethubeni, nazo zibe zacinywa. 'Ndiqonde ngoko ukuba indiphulukile le nzwakazi. Naako ndinyoshoza ukubuyela kumboniso endandiwushiye ndisawuthanda kakade.'

Ukhe wee khebevu okaBumba esasela umoya wabe waqhuba: 'Phofu ndiqale ngokuchwetha omnye woobhokili bam basemnyango ndifuna ukuqonda bucala ukuba singaba sasikho na isizathu esibangele ukuba bangalincedi elaa nenekazi. Undixelele ukuba lilo elathi maliyekwe, liza kuzifunela isihlalo-nasesihlalweni, esithandwa lilo! Ndibuzile ukuba ibingubani na kambe inenekazi elo.'

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.1 Nika zibe MBINI izinto ezibonakalisa ukuba uJoe Bumba wayeliqaphele inenekazi athetha ngalo. (2)

2.2.2 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

2.2.3 Xela le nto eyayibangela ukuba uHlobo abe nomdla omkhulu kwiinkcukacha awayezinikwa ngokwesi sicatshulwa. (1)

2.2.4 Cacisa ukuba yamfaka njani engxakini uLinda Monti ileta awayeyibhalele uEddie Maga phambi kosuku lomboniso bhanya-bhanya e*Rio Cinema.* (2)

2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba umlinganiswa onguJoe Bumba kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi komthetho namalungu ase*Moonglow Night Club* kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini (2)

2.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba ababulali bakaEddie babe nobuchule bokuwulahla umkhondo ukuze bangayanyaniswa nokufa kukaEddie. (2)

2.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli yophando). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

UMaRhadebe wangcwatyelwa kwalapho evenkileni kubuhlungu kumntu wonke ngaloo mini kuzizijwili nje kubafazi isisingqala emadodeni kuba babemthanda bonke uMaRhadebe sele kungathi bayazalana naye.

Ububele bukaThandabantu babungaphelelanga kubathengi nabasebenzi kuphela. Nosapho lwakhe lwaluthiwe wambu yiloo ngubo yakhe yobubele ishushu. Noxa wayeyiloo mvuzemvuze bububele ngakusapho lwakhe uRhadebe, wayekwanaso wena **isandla esingqongqo** sengqeqesho. Umntwana owayefane athambe ngakuye yayinguMonwabisi lowo, singazi ke bethu nokuba yayiyimfobe nosizi ngakuye kuba ekhula engenamzali ungowakhe. Wayesoloko emkhusela kwabanye abantwana xa mhlawumbi bedlala ukuze ke bamdlalise kabuhlungu kuba emncinci kunabo. Bona ke abo bantwana bakhe babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise lowo wabo, kuba besithi akafane abethwe okanye angxoliswe nguye yena. UThandabantu akazange ayinanze nganto le nto yezi zikhalazo kuba esithi ziinkcuku nje zosapho olusakhulayo, loo nto iya kuphinde idlule xa bekhulile bayibone ukuba ayinjalo loo nto. Kuba eneneni yena wayengamthandi ukubodlula abo bakhe uMonwabisi, koko nje yayilusizi lobuzali ebona yena inkedanyana engenabani, ngoko ke engafuni ukuba izibone ihlelelekile phakathi kwabo bakhe. Kungoko ke wayengayinanzi into yezikhalazo zabo bantwana bakhe.

3.1.1 Xela le nto kuthiwa yayikhathaze wonke umntu. (1)

3.1.2 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kwingqeqesho kaThandabantu. (2)

3.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

3.1.4 Kwakutheni ukuze uNobuntu asiyeke isikolo ngexesha awayefunda ngalo eMthatha Technical College? (1)

3.1.5 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababencedise uRhadebe ukubuyisela amashishini akhe kwimpumelelo yawo yangaphambili. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A Amashishini kaThandabantu ayavalwa.
B Usapho lwakwaSihlunu lufudukela edolophini kuTsolo.
C UMonwabisi uphuthuma uHlubikazi noNobuntu. (3)

3.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba umlinganiswa onguThandabantu uyisebenzele ngamandla impumelelo yakhe kwezoshishino. (2)

3.1.8 Yintoni le yayingaziwa nguThandabantu ngoMamTolo malunga neentombi zakhe? (2)

3.1.9 Nika imfundiso eziswa kule noveli ngesimo esibi somlinganiswa onguMamTolo. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Yaguquka loo dolophu kwakusele kungathi iphelelwe lixesha layo yabonakalisa ukuphila kunyakazela kwasekuseni abantu beze kufuna imisebenzi kuloo mashishini ayevulwa apho. Abantu ababekade bethe xhonkxosholo kwiikona ngeekona zaloo dolophu baphela, ingulowo ehamba ngezantya eleqa ixesha lokungena emsebenzini. Ubundlobongela obabusele busohlula namapolisa behla ngokuncomekayo, ixesha lokuzibandakanya kwizinto ezinjalo sele liphelile, ingulowo ethetha ngomsebenzi nokuphela kwenyanga kuzokwamkelwa. Njengoko nabasebenza kwimigodi eseGoli babebuyiswe ziimfazwe zobuhlanga nopolitiko ezazigqubha apho behleli emakhaya kungekho themba limbi, bakwazi ukufumana apho edolophini **ikati yayeka ukulala eziko noko**.

Ezi zakhiwo zika<u>Thandabantu</u>, gxebe uMonwabisi, zavula izithuba ezininzi kakhulu kolo luntu lwalapho kuTsolo. Wawungabona umbono omhle izithuthi ngezithuthi ziqhumisa uthuli ukuphuma kwezo lali zingqonge idolophu zisindana ukuza apho edolophini zizise abaphangeli nabathengi. Noosomashishini abancinane bavuna kule ndyebo yakwaSihlunu, kuba nawabo afumana koko kunyakazela kwabathengi. Le nkqubela ke yaqatshelwa nanguMasipala walapho kuTsolo njengoko kwakusandula ukuvotelwa amalungu akhe apho. Ngokubona ke le nkqubela, wazama ukuhlangabezana nayo ngokwakha iindlela ezizizo apho edolophini nezinto ezifana namanzi acocekileyo nombane oxabiso lifikelelekayo yaba zizinto ezenziwa nguMasipala esenzela uluntu lwakuTsolo.

3.2.1 Nika izinto eziMBINI ezazisenzeka kwidolophu yakuTsolo ezibonisa ukuba ushishino lwaluqhuba kakuhle. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.2 Xela udidi lwesafobe ekwakhelwe kuso inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

3.2.3 Xela le nto eyayibangela ukuba kuthiwe zezikaMonwabisi izakhiwo ekuthethwa ngazo kwesi sicatshulwa. (1)

3.2.4 Cacisa indima edlalwe ngumasipala wakuTsolo ukunceda uluntu ngokwesicatshulwa. (2)

3.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba umlinganiswa onikwe igama elinguThandabantu (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaThandabantu nabanye oosomashishini kule noveli. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

3.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uRhadebe wathatha isigqibo esilungileyo ngokukhulisa uMonwabisi njengomntwana wakhe. (2)

3.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli engolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

*(Sekudlule unyaka uMnu. Ndila selefundisa eNxarhuni. Sibona uFuneka Matiwane noZanele Nxusani besidla amathole eendaba kwindlu abahlala kuyo kwa-N.U. 3 eMdantsane. Aba bantu bahleli ...)*

FUNEKA: Zanele tshomi, budle ubomi. Mna ndibudlile ubomi bobuntombi andinasikrokro, ndaye ndiseza kubudla ithuba lisavuma.
ZANELE: Ha! Suk' apha wethu. Mna ndifuna ukutshintsha ifani. Andidlali nje ndidlala ndijonge entabeni. *(Atsho baqwanye begqibezela iziselo.)*
FUNEKA: Kanti ke indlela eya entabeni **kukubhabhisa intaka eneentsiba**, Umgibe wakho womelele okwentambo zegesi.
ZANELE: Wethu! Mna ndisaswele amacebo okubhabhisa ingqanga.
FUNEKA: Ingqanga? Ibinani yona ipikoko?
ZANELE: Utsho kum xa utshoyo kukutya kwam oko.
FUNEKA: Maye! Yiva apha sityhamtyhamndini, ndi-
ZANELE: Wenna! Ungayinyatheli emsileni, hleze ushunquke umsila.
FUNEKA: Unjani na wethu? Ndathi ndizama ukukufundisa, iindlela zokuphila, kweli gada ungadingi lubisi ungenazo nje iimazi, suke uvuke umnyele.
ZANELE: Uyaqala ke ukuthetha tshomi *(Bahleke bengqubanisa iiglasi.)* Utsho usithini ke ntanga? Betha koozelekazi.
FUNEKA: Nanku uMawonga, umyekele ntoni?
ZANELE: Mfondini ungandileqisi amahlungulu.
FUNEKA: Wenna! Yingqanga leyo ingwe yezixhobo, untsho kwiinkozi.
ZANELE: Njengokuba ingathi ngumdlankuku nje lowo ubanjwa phi? Kudala ndimlindele sendifun' ukuncama ngoku.
FUNEKA: Thul' ufe sana. UMawonga ngowakho ngoku. Yekela kum wena lo mdlalo ndiwuqhelile.
*(Kwesi sithuba kungena uJerry Deyi engankqonkqozanga.)*
Ngubani lo udela indlu yam?

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.1.1 Xela into eyabangela ukuba uNdila aphangele eNxarhuni. (1)

4.1.2 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kuFuneka. (2)

4.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

4.1.4 Kwakutheni ukuze uNdila alufune kuFuneka uncedo lokuziphindezela kuMawonga? (1)

4.1.5 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababecebisa uThandiwe ukuba amlwele uMawonga angamyeki aphelele kuZanele. (2)

4.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A UMaziko undwendwela kwaNdila eye kumhlohla ukuba aziphindezele kuMawonga.
B UNdila uphelelwa ngumsebenzi eNobutho *Primary School*.
C Usapho lukaMawonga lumbizela entlanganisweni. (3)

4.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uMaziko ukufuna ngamandla ukuba yinqununu yaseNobutho *Primary School*. (2)

4.1.8 Yintoni le wayengayazi uMawonga malunga nokumenywa kwakhe kwitheko likaFuneka? (2)

4.1.9 Nika imfundiso eziswa kule drama ngesimo esibi somlinganiswa onguDicksie Ndila. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

*(Kusasa ngeCawa kungena uMawonga emzini wakhe evela ethekweni. Iinduma zephezolo zazingahlanjwanga ncamnca.)*

MAWONGA: Andozeli ndiphelile.
THANDIWE: Wozeliswa yintoni?
MAWONGA: Sukundibuza intaphane yemibuzo, Thandie. Ikhona ikofu? *(Athi xa ephakama folokohlo.)*
THANDIWE: Kutheni na? O! Nkosi yam **yehl' intlekele!**
MAWONGA: Intlekele yantoni? Saph' ikofu Thandie.
THANDIWE: Yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni? *(Ebukhathazeka esenza ikofu.)*
MAWONGA: Enjengantoni Thandie? Kutheni ingathi akukakhuli nje?
THANDIWE: Akuzange ube nje Joe. Ubulele phi?
MAWONGA: Bendilele phi? O-o-o. Bendilele ecaleni kwendlela ndonakalelwe yimoto.
THANDIWE: Xa ubuvela phi ubungakhange uthi uyahamba nje?
MAWONGA: Bendiye eMtata izolo. Ndifumane abantu erenkini.
THANDIWE: Ukuba le 20m ibithetha ngelibalisa amabali. Yimoto le ikwenze wanje?
MAWONGA: Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle.
THANDIWE: Yeza njani apha?
MAWONGA: Ndincedwe ngabeLungu apho endleleni.
THANDIWE: Uncedwe ngabeLungu? Unethamsanqa. *(Watsho emnika ikofu)*
MAWONGA: Yibeke phaya ngasebhedini, ndiza kulala *(Urhabule kabini kathathu walala.)*
THANDIWE: Azi ukuba iya kuphelela phi na le nto! *(Atsho emthe ntsho elusizi.)*
...
ZANELE: Wethu! Kufuneka ndihlabe ndikhangele hleze kuthi kanti ndizibindisa ngenyok' ephunga umhluzi.
FUNEKA: Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abengu-chwenene.
ZANELE: Funeka, my *sister*, ndalamile, ndixakwe nje yinto yokuba <u>lo mfo ngunomgcana</u>, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa.
FUNEKA: Kulunge kanye oonomgcana abo kanye. Akuqondi?
ZANELE: Njani?
FUNEKA: Bona sebeqhele ukubotshelelwa esingeni.

4.2.1 Nika izinto eziMBINI ezivela kwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba uMawonga wayesele eqalile ukuziphatha kakubi. (2)

4.2.2 Xela udidi lwesafobe olubhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokomxholo wale ngxoxo. (1)

4.2.3 Xela le nto eyayibangela ukuba uZanele athi walamile xa ethetha ngoMawonga. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.4 Cacisa indima edlalwe nguMadala ekukhuthazeni isimo sokunxila kukaNdila esikolweni. (2)

4.2.5 Khetha kwizibiyeli impendulo echanekileyo. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba umlinganiswa onguMawonga kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaNdila noMawonga kule drama. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

4.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uNomawele Ngaliphi wathatha isigqibo esilungileyo ngokuya esikhululweni samapolisa emva kokusweleka kukaMawonga. (2)

4.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Le drama (yidrama eyintlekele/yidrama esisiyolisi). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

*KukwaNcaphayi egumbini elikhulu. NguNcaphayi, MaTshezi noZanoxolo, baxubusha le meko kaDina.*

ZANOXOLO: Kowu tata nawe mha! - Usile laa mntwana. Ndithethile naye na-njengoko benindicelile.
MATSHEZI: Utheni mntwan' am? Uhambe njani?
ZANOXOLO: Hayi **akasanga ukrazukile**.
NCAPHAYI: Yintoni mfo wam? Kwenzeke ntoni? Anilwanga kodwa?
ZANOXOLO: Hayi tata, ndizithobe kangangoko, njengoko benicebisile. Kodwa, inkulu into emzelayo laa mntwana. Andazi nokuba uphumelela njani na khona kwesiya sikolo. Ulilisela ngemfundo yakhe.
MATSHEZI: Nantso ke into ayaziyo. Uthi igumbi eli alala kulo lona licocwa ngubani, yintengu?
ZANOXOLO: Yho mama! Ndithi kunuka kunuka kunuka kweliya gumbi alala kulo laa mntwana. Sisankqange sento ongenakuze uyichaze nokuba kunuka ntoni na.
MATSHEZI: Heke! Naso ke isifundiswakazi sasemaTolweni.
ZANOXOLO: Ndithi akukho nendawo le yokunyathela xa ungena phaya. Impahla ifumbe indawo yonke. Ezinye zijinga ezikhonkwaneni ezindongeni. Yhu! Ivumba.
MATSHEZI: Iphume isisicicibala intombi yam, ngathi ayiphumi kulaa *Gehena*.
NCAPHAYI: Khawume MaTshezi. Uyamphazamisa uZanoxolo. Qhuba mfo wam. Phofu uthini ngale ubuyihambele?
ZANOXOLO: Utyhola umama kaloku tata. Isimanga seso.
MATSHEZI: UmntakaTyingca! Undityhola uthi nditheni?
ZANOXOLO: Uthi nguwe kaloku mama othanda ukwenza yonke into apha ekhaya ngokwakho. Yena akumniki ithuba lokuba enze kwanto. Uthi evuka nje ube wena sowugutyule yonke indlu, kubetha umoya.

5.1.1 Xela le nto uZanoxolo wayecelwe ukuba ayenze ngabazali bakhe. (1)

5.1.2 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekisele kwisimilo sikaDina. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

5.1.4 Kwakutheni ukuze bandwendwele eCala uNomhase noKuku ngokweli bali? (1)

5.1.5 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababeqeshwe nguThambolenyoka ukuba babulale intombi enxibe iimpahla ezimnyama kuloo hotele yakhe. (2)

5.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A UDina uthenga incula.
B UNoyongo uloba uDina ngonomyayi.
C USdokhwe noMkhefa babhukuqa nemoto. (3)

5.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uThambolenyoka ubufuna ngamandla ubutyebi kweli bali. (2)

5.1.8 Yintoni le wayengayazi uDina malunga nobubele awayebenzelwa nguNoyongo mhla wayeqala ukufika ehotele? (2)

5.1.9 Nika imfundiso eziswa kule drama malunga nesimo esihle somlinganiswa onguZanoxolo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA J**

KUKU: Ewe sana lwam ndiyababona rhoqo, kuba ubukhulu becala ndingumntu olapha edolophini phantse yonke imihla. UNozigoci noNozici baba ngoonotyhontyi nje bamanxilakazi. Bahlala kunye bohlulelene ngegumbi apha ngasemva ematyotyombeni. UNomhase yena ulapha eQutubeni, elaa gqwirhakazi linguNoyongo lona liyagqitha liyokutsho ngapha ezantsi eQebe.

DINA: *(Ecinga nzulu)* - Owu! abanqabanga lilonke?

KUKU: Hayi mntwan' am abanqabanga, iseyilaa nto indala uyaziyo. Nela qotha-qikili lenyoka iseleliya ulaziyo. Uthi omnye umfana oyisetyhuriti ophangela phaya lisalala e*Room 8* nangoku qho ngoLwezihlanu, ngeMigqibelo nangeeCawa, qho livuke linyebelezele limke ngentsimbi yesithathu kusasa. Ingathi akaguganga, kuba iminyaka yona ihambile. Neliya bixi-bixi lesisu liyajinga ngoku. Kodwa umntu usaqhubeka usenza amanyala, usagil' imikhuba nangoku.

DINA: *(Esacinga nzulu, encine amehlo ebindekile. Kwala emva kwethuba elide ethule suka watsho ngesingqala esinzulu, esiya kanye sitsho kube* ***ngathi kukundila kwezulu****)* - Kusenjeya!

KUKU: Ingathi bekuyizolo mntwan' am.

DINA: *(Ecinga nzulu ekhangele phandle ngefesitile yemoto, ethethela ezantsi)* Kusenjeya, kusenjeya, kuza kwaziwana.

*(Ukusuka apho uDina uqhube waya kwivenkile yezixhobo yakwaWilkinson Swords eKomani, apho afike wathenga khona incula yeStainless Steel, ebude bayo bungamashumi amathathu onke eesentimitha. Yaza yanomphini wephondo, obanjwe ngentsilathi yengwe.)*

5.2.1 Nika izinto eziMBINI kwesi sicatshulwa eziveza ukuba imeko nentlalo kaNozigoci noNozici ayisekho ntle. (2)

5.2.2 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kwibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.2.3 Xela le nto ebangela ukuba uDina abindeke, acinge nzulu ade abe nesingqala ngokwesi sicatshulwa. (1)

5.2.4 Cacisa ukuba kwaba luncedo njani kusapho lakwaNcaphayi ukusebenza kukaMacebo eKapa. (2)

5.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba umlinganiswa onguDina kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kukaThambolenyoka noDina kule drama. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

5.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uKuku samnceda isigqibo sokuyeka ukusebenzela uThambolenyoka. (2)

5.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Le drama (yidrama eyintlekele/yidrama eyintlekel siyolisi). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ikhikhizela laseDangwana' nguLL Ngewu
- 'Izibhovubhovu zaseBhayi' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 **'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Akukho nto ibimhlupha uMaNkosohlanga ngaphezu kwale yokuba babengavuzwanga ngamntwana wumbi ngaphandle kwale nkewu eyaphel' emehlweni. Eli lolo lomfazi belihlala kwelo bhotwe lilinde umntu oya kuze athi, nkqo ezokulixelela ukuba unyana walo wangcwatywa phi na. Xa unyana wakhe engafiki buqu, ingathi ubenokuxola akuxelelwa ukuba ingcwaba lakhe liphi, abek' ilitye azixolise.

Emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe uFanabekho walahlekayo ugalelekile eDangwana kowabo. Hayi ke uvuyo olwaba lapho umfazi ebon' unyana wakhe owayesele embalela kwabafileyo. Ufike urheme **iinwele zihlab' umkhosi**, izihlangu kucaca ukuba sel' ebiza nje imali yazo kuzo ukuba wayezihlawulele ngokwakhe; ibhulukhwe bekungekho themba lokuba isawunonophele kakuhle umsebenzi eyothulelwa wona kwixhayi eyayixhonywe kulo; okuyihempe kona besekuxhathise nje amaqhosha aqobisa ngokuqhosha nanto ingaqhoshisiyo. Ibhatyi yona kuyacaca ukuba yayishiya ivenkile iyidyasi ethe emva kweminyaka baye busitha ngokutha ubudyasi bayo. Eneneni abantwana abagezayo bamaGalane bebenokuyijonga le dyasi bathi, 'yidyatyi le!'

Kuvakele kwangevumba ukuba inkosi le ingenile endlwini. Eneneni ibingasilili vumba linokuthelekiswa nelesivumbampunzi kumntu oqhele amavumba. Ibilivumba nje, kungenjalo ilivunjana nje, elidiza ukuchasela komninilo emlanjeni. Ubuso bomfo baburhaphilili ziindevu ebezilikhusi lokwenene lokufihla ubumi bomninizo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.1.1 Xela le nto kuthiwa yayikhathaza uMaNkosohlanga. (1)

6.1.2 Nika intsingiselo yenkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kuFanabekho. (2)

6.1.3 Xela ukuba sesiphi isimo sentlalo ngokwexesha esivelayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho ngeengongoma eziMBINI. (3)

6.1.4 Kwakutheni ukuze uMaKheswa angabi nakuqiniseka ukuba ngunyana wakhe lo wayephambi kwakhe? (1)

6.1.5 Nika amagama abalinganiswa abaBINI ababefunda noFanabekho. (2)

6.1.6 Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.

A Unyana kaMaKheswa ushiya ikhaya.
B UFikizolo uyasweleka.
C UMakheswa undwendwela kwamthandazeli. (3)

6.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uMaKheswa unento ayifuna ngamandla malunga nonyana wakhe. (2)

6.1.8 Yintoni le wayengayazi umaKheswa ngendlela awayephila ngayo unyana wakhe eTinarha? (2)

6.1.9 Nika imfundiso eziswa kweli bali malunga ngesimo esibi somlinganiswa onguFanabekho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2 **'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Kwalile ngeny' imini ezi zikrelemnqa zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga ukuba umninimzi ubesel' ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zixhakazela zizinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhazolo wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa **langathi ngamagqabi omthi ubethwe ngamatye esichotho**. Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel' emehlweni, zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubom bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yagqitha.

Amadoda angabamelwane athi akuva liduduma izulu lezandla, nakuba lizolile nje, azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na. Wambi azincama, akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yawo izibilini ziphezulu. Umfazi uqhube indoda yakhe esithi, 'Yini yise kaNobani uyindoda yokwenzani xa siza kufel' endlwini ukho', iphendule indoda ngelithi, 'Ngubani lo owakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? Mna ndifundile nje andisosidenge, ngoko ke andinakuya ekufeni ndikubona, kuba abukho obusetyesini mfazi.'

6.2.1 Nika izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba izibhovubhovu zaseBhayi zazimdelela uMaqhazolo emzini wakhe. (2)

6.2.2 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kwibinzana elibhalwe ngqindilili. (1)

6.2.3 Xela le nto eyayibangela ukuba siyokulala esibhedlele esinye sezikrelemnqa? (1)

6.2.4 Cacisa ukuba kwaba luncedo njani kumadoda aseDikeni ukuzincama kukaMaqhazolo ajongane nezikrelemnqa. (2)

6.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba abalinganiswa abanikwe igama lokuba 'bazizibhovubhovu' (luzobo ngqo/luzobo mayana). Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.6 (a) Xela udidi lwempixano olukhoyo phakathi kweziBhovubhovu zaseBhayi kunye namadoda aseDikeni kweli bali. (1)

(b) Chaza indlela esonjululwe ngayo le mpixano uyixele ku-(a) ngokwasebalini. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba isikrelemnqa esadutyulwa nguMaqhazolo liphela ibali siguqukile kwizenzo zaso. (2)

6.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Eli bali (lilibali elingemiba yentlalo/libali elingolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusebalini. (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO D: ISIHOBE**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Ukwindla' nguZ Mtumane
- 'ENxukhwebe' nguT Mabeqa

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda le mihobe ilandelayo uze uphendule imibuzo. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UKWINDLA – Z Mtumane**

Xeshandini laseKwindla,
Thina bantu <u>siyakukhahlela,</u>
Si<u>k</u>ubhotisa si<u>k</u>wam<u>k</u>ela,
Ngenxa yokulunga kwakho.

Ixesha elipholileyo,
Elingenangqele naqabaka.
Nelanga lalo asilolikaQilo,
Imboni ethile yasemaXhoseni,
Eyakha yatheth' isimanga;
Yath' ingayiphelis' imbalela,
Ine yona imvula,
Liyeke ukugqats' ilanga,
Suka laqatsel' ukugqats' oku,
Ukuze nje kuthiwe lelikaQilo.

Ngawe xeshandini kuba mnandi,
Kuba yintlutha macalana onke,
Ngakumbi kwabo bangaqhokrwanga zandla,
Abazilungiselele kwakuqala,
Kanye ngexesha leNtwasahlobo,
Ukuya kungena kulo iHlobo,
Ngokulim' amasimi nezitiya,
Belungiselel' umhl' ozayo.

Lixesha lokudl' ukubila kwendoda,
Ikudla ngokwayo nentsapho yayo,
Incede neendwadunge zasekuhlaleni.
Kodwa ke makhab' akuthi,
Indod' ity' ukubila kwelay' ibunzi,
Ingatyi ukubila kwelenye indoda.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Kuqalwa ngokufula kaloku,
Ukungcamla ukutya kwasemasimini,
Oogastyeketye bombona.
Intyabontyi namathanga sehlanzile,
Izigele zeetapile zikhab' umhlaba,
Ukuze kubonwe ukuba zilungile,
Kungaphuma imbiza nakuzo.

Izisu zabantwana ziba yimipatsiya,
Ekhutshwe ngaphandle ngathi kuyadliselwa.
Isigezo naso siqatsele,
Kubantwan' abahluthayo kaloku,
Bade basuze naphakathi kwabantu,
Besenziwa yintlutha yoKwindla.

Umxhaxha nayo isophu,
Ukutya kwezikhuthali kaloku.
Ibhaqolo neenkobe zombon' omtsha,
Ukutya kwaseKwindla mfondini.
Ungazibala zonk' izidlo,
Ezivel' ekuvunweni kwasemasimini,
Nezitiya zamadod' angonqeniyo.
Inene Kwindla siyakubhotisa.

7.1.1 Lisixelela ntoni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-2 ngeli xesha laseKwindla? (1)

7.1.2 Nika isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3 uze uxele nomsebenzi waso. (2)

7.1.3 Chonga kwistanza soku-1 amagama amabini abonisa ukuba lisaqala ukungena eli xesha laseKwindla. (2)

7.1.4 Cacisa ukuba sahluka njani ngokomongo isitanza sesi-2 kwesesi-3. (2)

7.1.5 Xela isafobe esifumaneka kumqolo wama-23 uze unike nentsingiselo yaso ngokomxholo wombongo.

Cwangisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isafobe esifumanekayo

(b) Intsingiselo yaso (2)

7.1.6 Nika injongo yophindaphindo lwengcamango 'ukudla ukubila kwebunzi' ekwistanza sesi-4. (2)

7.1.7 Kuphuhlisa ntoni ngexesha laseKwindla ukuxelwa kweentlobo zezivuno ezahlukileyo kwistanza sesi-5? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Istanza sesi-6 siveza (uvuthondaba/isimo sentlalo) ngokweemeko zentlalo yabantu ngexesha laseKwindla. (1)

7.1.9 Ingaba ivakalelwa njani imbongi malunga neli xesha laseKwindla? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**ENXUKHWEBE – T Mabeqa**

Kwezo nduli zaseBhofolo;
Kuloo mathaf' aseNxukhwebe;
Kwezo ntlambo zomlamb' iNgcwenxa;
Kulapho kum' isikolo saseNxukhwebe.
Phakathi kweTyatyorha noNgwevu;
Kufutshane nakwaLamyeni;
EmaBheleni kumganyana noko;
Kodwa esi sikolo sizivuzile ezi lali.
Kulapho asel' amanz' olwazi
Amadoda namankazan' aseAfrika;
Nditsho nawalapha eMzantsi;
NokaMandel' unyan' usele kuloo mthomb' aseNxukhwebe.
Ngathi ndiyambona x' emamel' amagxagx' ehlohla;
Esetyis' ehlaluty' ezo mfundiso;
Ezibuza eziphendul' ubunyani beziny' izinto;
Kuba kalok' okrelekrel' akamkeli nantoni na.
Hayi ke kwaxhelw' eXhukwana kulo mfana;
Mhlana kwagalelek' iMbongi yeSizw' eNxukhwebe,
Inyantsul' ukuhamba oku;
Ivath' ezembongi yakwaXhosa;
Yabhong' ivus' imixhelo yabafundi ngezibongo zayo.
Yandixhel' umxhel' iMbong' akwaGompo;
Gxebe, iMbongi yeSizwe;
Umfo waseNtabozuko;
Nditsho uSamuel Edward Krune Mqhayi.
Latsho eli qhakra-qhakra, ufafa lwakwaMandela.

7.2.1 Nika izinto eziMBINI ezilulwazi oluvelayo ngesikolo saseNxukhwebe kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

7.2.2 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca kumqolo woku-1 ukuya kowesi-4 unike nomsebenzi waso. (2)

7.2.3 Ngcingani eziswa ngumqolo wesi-8, ngesikolo saseNxukhwebe? (2)

7.2.4 Nika iilali zibe MBINI ezikhankanyiweyo kulo mbongo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com



7.2.5 Xela la manz' olwazi kuthethwa ngawo kumqolo we-9 uze unike isizathu sokuba kuthiwe ngamanz' olwazi. (2)

7.2.6 Nika intsingiselo eziswa ngumqolo we-10 ngokomxholo walo mbongo. (2)

7.2.7 Uzotywa njengomntu onjani uMandela kumqolo we-14? (2)

7.2.8 Yinyaniso okanye Bubuxoki ukuba ukufika kweMbongi yeSizwe eNxukhwebe kwaba nefuthe elihle kubafundi bonke baseNxukhwebe? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukumbongo. (2)

7.2.9 Xhasa ngeengongoma eziMBINI ukuba lo mbongo ngumbongo oncomayo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Ngumsantsa ombi wokungabikho kwemvisiswano phakathi kukaLungile noNomakhwezi.√ (1)

1.1.2 Yeyokuba babehlekisa ngayo intlungu yokungabikho kwemvisiswano phakathi kukaNomakhwezi noLungile√√/ babeyenza intlekisa ingxabano kaLungile noNomakhwezi.√√ (2)

1.1.3 Sesala maxesha okhanyo.√
Kuthethwa ngomntu ontsundu oneshishini elilelakhe.√
Kuthethwa ngomanejala ongumntu ontsundu.√
Kukhankanywe iincwadi zevenkile.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (3)

1.1.4 Kungokuba wayefuna ukuba aze kuba luncedo kuNomakhwezi evenkileni.√ (1)

1.1.5 NguMamTolo.√
NguMaMiya.√ (2)

1.1.6 B√/ULungile uthenga ivenkile kuMosia.√
A√/UNtongana uyokufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.√
C√/UMpumelelo wenzelwa itheko lokumamkela.√ (3)

1.1.7 Ndiyangqina, kuba wathi ejongene nentlungu yokuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini akatyhafa wafunda wade waphumelela izifundo zobugqirha.√
Wathi nangona wayede wafumana uxinzelelo lwengqondo nokulala esibhedlele iinyanga eziliqela, waqhuba ngezifundo zakhe ezalisekisa iminqweno kayise owayemshiye namazwi athi aze angayiyeki imfundo.√ (2)

1.1.8 Kukuba ikwanguNozililo owayesasaza iindaba zolwimi ezazimxabanisa noLungile kwanabathengi bevenkile yakhe√√/ Wayengayazi ukuba uNozililo ezenza umhlobo wakhe nje unenjongo zokumtshabalalisa emke apho ukuze bafumane ivenkile leyo wayesithi lilungelo lakwaMakhwetshu.√√ (2)

1.1.9 Yeyokuba kubalulekile ukuba nomqolo√√/kubalulekile ukunyaniseka kwizenzo zobulungisa ebomini√√/kuyinto elungileyo ukumela inyaniso.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Kukunyemba kwakhe uYolisa.√
Kukusebenzisa kwakhe intlamba xa ethetha noYolisa.√ (2)

1.2.2 Sisibaxo√/lugqithiso√/lubabazo.√ (1)

1.2.3 Ziindaba azivileyo zokuba uLungile uyathandana√/lulwimi olusasazwe nguNozililo oluthi uLungile uyathandana kwaye uhamba elala ezihotele noMebhelina.√ (1)

1.2.4 Ngokuthi athi akuphuma aye ngasemotweni uLungile, yena uNomakhwezi acinge ukuba uyahamba ze amlandele afike ngasemotweni achole amatye ayityoboze imoto yomsebenzi kaLungile.√√ (2)

1.2.5 Luzobo mayana√ kuba asixelelwanga ngokuphandle ukuba uLungile ungumlinganiswa onobubele, zizenzo zakhe ezityhila olu phawu lobubele bakhe kusapho lwakhe.√√ (3)

1.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi usapho lwakwaMakhwetshu lusweleke ngokutshela endlwini.√√ (2)

1.2.7 Kukwesi sikolo saseBlythswood kuphela apho saphuhla khona isakhono sakhe kuba wayedlalela amaqela aphambili kwaye ezibalule kakhulu kwezemidlalo.√√ (2)

1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba iveza amahla-ndinyuka ahlangene nawo uMpumelelo akuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini, de waba uyaphumelela ebomini√√/kuba iveza ukubaluleka kokuxhasana kwezizalwana njengoko uThamsanqa noYolisa baye bawugcina umzi wakwaNtsibande sele bengasekho ooLungile√√/kuba idandalazisa ububi bokunyolukela ilifa njengoko uNozililo noNtongana bebhubhe ngenxa yokwenza mayelenqe okuzuza ilifa elingelolabo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Kukuba wayelindele ukuthetha nesithandwa sakhe uEddie emnxebeni√/wayeza kuthetha noEddie Maga osisithandwa sakhe√/ wayecinga incoko awayeza kubanayo kunye noEddie osisithandwa sakhe√/wayesenziwa kukuba ecinga ngomntu amthandayo uEddie.√ (1)

2.1.2 Yeyokuzirhuqa kwakhe ngesitulo engaphakamanga.√√ (2)

2.1.3 Sesala maxesha okhanyo√ kuba kukhankanywa umnweba osisinxibo sokuvuka.√
Kuthethwa ngewotshi enxitywa esihlahleni.√
Kuthethwa ngezitulo ezimfumamfuma√/
Kuthethwa ngomnxeba weendaba.√
Kuthethwa ngomboniso bhanya-bhanya.√
Kukhankanywa iileta ezibhalwayo.√
[Nasiphi isibini kwezi.} (3)

2.1.4 Kungokuba wayefuna ukuqonda ukuba uLinda ubanjelwe ntoni na√/wayefuna ukuqonda ngemeko kaLinda√/wayefuna ukuqonda ityala abekwa lona uLinda.√ (1)

2.1.5 NguThemba Mdoda.√
NguThembisa Ntlokonkulu.√
NguWelile Nzulube.√
NguKhulile Dungana.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.6 B√/ UEddie noLulama basweleka ngenxa yokudutyulwa.√
A√/ UHlobo undwendwela e*Moonglow Night Club*.√
C√/UNksk. Hobe undwendwela isikhululo samapolisa.√ (3)

2.1.7 Ndiyangqina, kuba uthi naxa sele embambile uLinda Monti elandela ubungqina obabumkhonkxa, aphinde aphandisise elandela obunye ubungqina akholelwa ukuba buza kuveza abona babulali bakaEddie noLulama.√
Kuba undwendwele e*Moonglow Night Club* ngobumnyama ebeka impilo yakhe esichengeni.√ (2)

2.1.8 Kukuba loo nkosikazi yayizenza uNksk. Hobe yayinguThembisa Ntlokonkulu nongomnye wamalungu ase*Moonglow Night Club* nabangabona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma, aba uphando lwakhe lwalujolise kubo.√√ (2)

2.1.9 Yeyokuba izenzo zenkohlakalo azifihlakali kuphele√√/ukuba ukunyolukela imali nolwaphulo-mthetho kuneziphumo ezibi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kukuba walibona ukuba alidanga lasifumana isihlalo apho eholweni.√
Waqaphela ukuba lihamba ngokukhawuleza kuba wada akalifumana xa wayezama ukulinceda.√
Walibona ukuba lihamba ngemoto.√
Wazibona izibane zemoto yalo zicinywa kwindawo elalimise kuyo.√
Walibona ukuba lalinxibe idyasi yeMink. (2)
[Nasiphi isibini kwezi.]

2.2.2 Sisifaniso.√ (1)

2.2.3 Kungokuba zaziza kumnceda kuphando awayelwenza kuba ziinkcukacha ezazinika umkhondo awayecinga ukuba ucacile malunga nokubulawa kukaEddie√/kungokuba wayefumana iinkcukacha ezithe vetshe ngombutho *iMoonglow Night Club* le wadutyulwa elilungu lawo uEddie Maga awayephanda ngokufa kwakhe.√ (1)

2.2.4 Ngokuthi asebenzise amazwi akhatshwa bubukhwele ekhulula uEddie ukuba ahambe nesinye sezithandwa zakhe kuba yena wayengazi kuphumelela ukuya e*Rio* ngobo busuku kanti loo mazwi aza kusetyenziswa nguHlobo njengobungqina obumbophelelayo njengomrhanelwa onesizathu sokubulala uEddie.√√ (2)

2.2.5 Luzobo ngqo√ kuba kuxelwa ngokuphandle ukuba unomzimba omkhulu.√√ (3)

2.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi amalungu ase*Moonglow Night Club* abanjwe agwetywe.√√ (2)

2.2.7 Basebenzise imoto enxiba uhlobo lwamavili asetyenziswa nguLinda ukuze kukrokrelwe yena√√/bebe umpu kaLinda ze basebenzisa wona ukudubula uEddie, oko kwabangela ukuba uLinda abe ngumrhanelwa√√/uThembisa Ntlokonkulu uzenze uNksk. Hobe ongumakazi kaEddie wayalela uHlobo ukuba ekuphandeni kwakhe angamyeki uLinda kuba uyamkrokrela kuba efuna ukuba ityala lokubulala uEddie losuleleke lula kuLinda√√/
Unxibe neMink coat ekwaziwa uLinda yedwa onayo√√/uMdoda unike ubungqina enkundleni bokuba uLinda wayenolwazi ngesinye sezithandwa zikaEddie kwaye sasimsokolisa.√√ (2)

2.2.8 Yinoveli yophando√ kuba kukho umcuphi onguHlobo owenza uphando lokusombulula isishiqi sokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma√√/kuba kuphandwa ngababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka. (3)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Kukusweleka kukaMaRhadebe√/ kukungcwatywa komntu ababemthanda. (1)

3.1.2 Yeyokuba wayenabo ubungqwabalala kwingqeqesho yakhe ebantwaneni√√/yeyokuba wayenengqeqesho egadalala ngakubantwana bakhe.√√ (2)

3.1.3 Sesala maxesha okhanyo.√
Kuthethwa ngevenkile eyiyeyomntu oNtsundu.√
Kuthethwa ngemali ekuthengwa ngayo evenkileni.√ (3)

3.1.4 Kungokuba wayebaleka ityala lokubhaqwa kwakhe elele kumagumbi abafundi abangamakhwenkwe.√ (1)

3.1.5 NguSamkelo Zangone.√
NguMonwabisi.√ (2)

3.1.6 B√ Usapho lwakwaSihlunu lufudukela edolophini kuTsolo.√
A√ Amashishini kaThandabantu ayavalwa.√
C√ UMonwabisi uphuthuma uHlubikazi noNobuntu.√ (3)

3.1.7 Ndiyangqina, kuba uThandabantu akazange azihoye izityholo zokuba uthwele xa wayephumelela kwishishini lakhe waqhuba wasebenza nzima.√
Waliququzelela iqumrhu loosomashishini abasakhulayo ukuqinisekisa ukuba ishishini lakhe nabanye oosomashishini liyaphuhla.√
Wayeqinisekisa ukuba abathengi bakhe ubenzela izinwe ezinjengokubaxhelela, abakhele intente, abakhaphe ebagodusa ngeentsuku zokwamkela inkamnkam.√
Ngokulima amasimi anemifuno ukuze ithengiswe evenkileni.√
Ngokufuya iinkomo zenyama ukuze axhelele isilarha sakhe.√
Ukonga imali ukuze aqale amanye amashishini angapheleli kweli lokuqala lakhe laseNtshiqo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.8 Yeyokuba uMamTolo wayeziqaphele iintombi zakhe ukuba ziyasela waza wathatha isigqibo sokuba ibe lihlebo lakhe nazo elo angamxeleli uThandabantu√√/yeyokuba uHlubikazi utshone ibanga le-9√√/ukuba umana ukuthumelela uHlubikazi imali ngebhasi eThekwini.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.1.9 Yeyokuba kufuneka umphathe kakuhle umntwana nokuba akangowakho kuba ungaphela uncedwa nguye kwixesha elizayo√√/yeyokuba akulunganga ukubatefisa abantwana ungabaniki ngqeqesho eyiyo√√/yeyokubakuba kulungile ukuguquka kwisimo esibi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Kukunyakazela kwabantu kwasekuseni besiya emisebenzini.√
Kukuhla kwezinga lobundlobongela.√ (2)

3.2.2 Sisaci.√ (1)

3.2.3 Kungokuba ngoku zazisele zinikezelwe ngokusemthethweni kuye ukuba azilawule√/kungokuba nguye ngoku owayenikwa igunya lokuzilawula√/kungokuba amandla okuzilawula ayengasekho zandleni zikaThandabantu ngoku.√ (1)

3.2.4 Waguqula intlalo nempilo yoluntu ngokululungiselela iindlela√√/ waluzisela amanzi acocekileyo√√/walufakela umbane ofikelelekayo.√√ (2)

3.2.5 Luzobo ngqo√kuba igama athiywe lona ngabantu lingqinwa zizenzo zakhe zokubathanda nokuxabisa abantu√√/luzobo mayana√kuba zizenzo zakhe ezibonakalisa ukuba ungumntu obathandayo abantu.√√ (3)

3.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi uThandabantu athathe isigqibo sokunikezela amashishini ukuba alawulwe nguMonwabisi.√√ (2)

3.2.7 UMonwabisi wathatha indawo yonyana wakhe ngokupheleleyo akuba eswelekelwe nguGcinumzi√√/kuba uncedo ulufumene kuMonwabisi ngokuthi avuselele amashishini akhe emva kokuba ezakhe iintombi zimfulathele√√/kuba kuMonwabisi ufumana umlawuli othembakeleyo wamashishini akhe ngethuba yena engasenawo amandla okuzilawulela wona√√/kuba nguMonwabisi obuyisa iintombi zakhe ebezitshiphile zingasenalo unxibelelwano nekhaya√√/nguMonwabisi omzisela ulonwabo kwimpilo yakhe xa ibali liphela.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba ibonisa ukuba ubuntu obenzela omnye umntu bulithamsanqa kwakuwe kuba uThandabantu uncedwe yinkedama enguMonwabisi abayithatha bayikhulisa nomamTolo√√/ukuba iinkolelo ezingokuthakatha zidala ubutshaba phakathi kwabantu kuba uThandabantu waphela engavani nabantu ngenxa yokumtyhola kwabo ngokuthwala ngenyoka.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Kukuba wayegxothiwe eNobutho *Primary School.* √ (1)

4.1.2 Yeyokuba unobuchule bokuwalobela kuye amadoda afumileyo.√√ (2)

4.1.3 Sesala maxesha okhanyo.√
Kuthethwa ngemfundo.√
Kuthethwa ngotywala besilungu obuselwa ngeglasi.√
Kukhankanywa isimo sentlalo yasezilokishini.√
Kuthethwa ngamapolisa.√
Kuthethwa ngeentambo zegesi.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (3)

4.1.4 Kungokuba wayemazi ukuba uFuneka uwuqhelile lo mdlalo wokuloba amadoda ngoko ke kuza kuba lula kuye ukuloba uMawonga amenze ukuba athandane noZanele.√ (1)

4.1.5 NguNaniwe.√
NguNomadinga.√ (2)

4.1.6 B√/ UNdila uphelelwa ngumsebenzi eNobutho *Primary School*.√
A√/ UMaziko undwendwela kwaNdila eye kumlukuhla ukuba aziphindezele kuMawonga.√
C√ Usapho lukaMawonga lumbizela entlanganisweni.√ (3)

4.1.7 Ndiyangqina, kuba uMaziko uye kuNdila eyokumfaka umoya wempindezelo kuMawonga kuba efuna ukuba noMawonga aphelelwe ngumsebenzi njengoNdila ukuze isikhundla sobunqununu eNobutho sishiyeke kuye.√
UMaziko uye kusihlalo wekomiti yesikolo uMadala ngenjongo yokugxothisa uMawonga esikolweni ukuze ibe nguye inqununu yesikolo saseNobutho *Primary School.*√
UMaziko uyavuma xa uMadala esithi makamnyobe ukuze afumane isihlalo sobunqununu. √ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.1.8 Kukuba itheko likaFuneka lenziwe ngenjongo yokusondeza yena ukuze athandane noZanele ukuze kube lula ukumfaka kumgibe wokusela utywala aphalale abe ngolo hlobo uNdila uyayifumana impindezelo yakhe kuye.√√ (2)

4.1.9 Yeyokuba impindezelo ayilunganga kuba ineziphumo ezibi kulowo uziphindezelayo√√/yeyokuba ukuzinikela etywaleni kuneziphumo ezibi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Kukungalali emzini wakhe engaziwa ukuba uye phi.√
Kukunxila kakhulu.√
Kukunganyaniseki kwakhe xa echaza ihambo yakhe yangosuku olungaphambili.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.2 Lubaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√ (1)

4.2.3 Kukuba uZanele wothukile akubona ukuba lo Mawonga uphambi kwakhe akafani noMawonga ebezakhele yena engqondweni√/kukuba lo Mawonga ambonileyo ebengenguye lo yena ebecinga ukuba iya kuba nguye ngezenzo.√ (1)

4.2.4 UMadala wamthethelela uNdila malunga nesimo sakhe sokunxila esikolweni phambi kwamalungu ekomiti.√√ (2)

4.2.5 Luzobo mayana√ kuba akaxelwa ngokuphandle ukuba utshatile√√/ kuba ifihlakele le nkcaza, ayixeli poqo ukuba uMawonga ungumntu otshatileyo.√√ (3)

4.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi uNdila noMawonga babhubhe.√√ (2)

4.2.7 Iinkcukacha awazinika uSajini Njobe zaba luncedo ekulandeni umkhondo wabantu ababebandakanyeka ekurhuqweni kwesidumbu sikaMawonga esafunyanwa sishiywe ngasemfuleni waba uNdila, uFuneka noZanele bayabanjwa bagwetywe.√√ (2)

4.2.8 Yidrama eyintlekele√ kuba iphela ngokufa kukaMawonga noNdila√√/ngokubanjwa kukaFuneka noZanele.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Kukuba aze akhe athethe noDina malunga nesigezo sakhe√/ kukuthetha noDina malunga nokugeza kwakhe√/kukuba athethe ngoDina ngesimo sakhe esibangela inkxalabo kubazali bakhe. (1)

5.1.2 Yeyokuba ugezo lukaDina lukwiqondo eliphezulu√√/yeyokuba uDina ugeza ngokugqithisileyo.√√ (2)

5.1.3 Sesala maxesha okhanyo.√
Kuthethwa ngobukho besikolo.√
Kukhankanywe indlu enamagumbi ngamagumbi.√
Kuthethwa ngezifundiswa.√√
Bbukho bemphla.√
Bubukho bezikhonkwane.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (3)

5.1.4 Kungokuba babeye kulobela uThambolenyoka abantwana abangamantombazana.√ (1)

5.1.5 NguMkhefa.√
NguSdokhwe.√ (2)

5.1.6 B√/ UNoyongo uloba uDina ngonomyayi.√
A√/ UDina uthenga incula.√
C√/ USdokhwe noMkhefa babhukuqa nemoto.√ (3)

5.1.7 Ndiyangqina, kuba uzenzele ubutyebi ngendlela engekho semthethweni ngokuba abantwana abangamantombazana, abatyise iziyobisi ukuze bahlale bengamaxhoba akhe.√
Kuba uye walalisa abantwana abangamantombazana nabatyeleli basehotele yakhe ukuze afumane imali ngawo.√
Kuba uqinisekisa ukuba akade abanjwe ngokuthi abulale amangqina ukuze aqhubeke nezenzo zakhe zenkohlakalo.√
Ude ayithi chatha ikhomishini xa eqonda ukuba umntwana ofunyeneyo uza kungenisela inali eninzi.√
Ude awaqaphele amaxesha azakumngengisela imali eninzi kule ndelela yakhe yokuzenzela ubutyebi.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.8 Kukuba obo bubele babunganyanisekanga, yayilicebo lokumfaka kwiziyobisi nokuxhatshazwa ngokwesondo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.1.9 Yeyokuba kubalulekile ukuhlonipha umthetho√√/yeyokuba kubalulekile ukunikezela ngenkxaso kubazali nosapho√√/yeyokuba kubalulekile ukuthatha uxanduva lokudala uxolo phakathi kosapho. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kukuba bangamanxila azincamileyo.√
Kukuba abanandawo iyeyabo yokuhlala bohlulelene ngegumbi.√ (2)
Kukuba bahlala ematyotyombeni.√

5.2.2 Sisifaniso.√ (1)

5.2.3 Kungokuba ucinga nzulu ngokuba ezi ndaba aziva ngoKuku zimenza naye acinge ngeyakhe imeko yokuxhatshazwa kwakhe nguThambolenyoka.√ (1)

5.2.4 Ngokuthi uMacebo abe kuphela kwesizalwana sikaNcaphayi abanokufikela kuso abantwana bakhe xa beseKapa√√/ ngokuthi uMacebo abe ngumzali kuZanoxolo noDina ngethuba beseKapa.√√ (2)

5.2.5 Luzobo mayana√kuba amazwi asetyenziswa nguDina amveza njengomntu onenzondo√√/ kuba uvezwa njengomntu ongayekiyo engaziphindezelanga kumntu omenze okubi.√√ (3)

5.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi uThambolenyoka abanjwe, agwetywe.√√ (2)

5.2.7 Ngokumka kwaThambolenyoka ufumene ithuba lokusebenza msebenzi wumbi√√/uye wancedakala ngokuthi asuke kwimeko embi abephantsi kwayo kwaThambolenyoka atsho afumane ukuphumla engqondweni√√/ (2)

5.2.8 Yidrama eyintlekele-siyolisi√ kuba kuyo kuxhatshazwa abantwana abangamantombazana ngokwesondo, batyiswa iziyobisi, bathengisiswe nemizimba nto leyo imbi neyonakalisa ikamva labo kodwa iphela umenzi wobubi onguThambolenyoka egwetyiwe ngezenzo zakhe√√/kuba uThambolenyoka ubulala ikamva labantwana abangamantombazana kodwa iphela egwetywa ze ngolo hlobo abe uDina uphumelele ekuchitheni obo bukumkani bakhe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: 'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu

6.1 6.1.1 Kukuba wayengavuzwanga kuyaphi ngabantwana, wayephelele kuFanabekho.√ (1)

6.1.2 Yeyokuba wayeneenwele ezingakanywangwa ziyekwe nje zazikhulela zingakhathalelekanga.√√ (2)

6.1.3 Sesala maxesha okhanyo.√
Kuthethwa ngemizi ebizwa ngokuba ngamabhotwe.√
Kuba kukhankanywa izihlangu.√
Kuba kuthethwa ngehempe, ngedyasi nebhulukhwe.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (3)

6.1.4 Kungokuba wafika etshintshile ngenkangeleko enxibe amadlavu emdaka.√ (1)

6.1.5 NguSonwatyisiwe Tyiweni.√
NguSilumko Nkalweni.√
NguQaqambile.√
NguNombono Mbinana.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.6 B√/ UFikizolo uyasweleka.√
A√/ Unyana kaMakheswa ushiya ikhaya.√
C√/ UMakheswa undwendwela kwamthandazeli.√ (3)

6.1.7 Ndiyangqina, kuba ngethuba ebetshiphe eTinarha uFanabekho unina wayehamba efuna uncedo koosiyazi nakubathandazeli efuna ukuba unyana wakhe abuye ukuze ajonge ikhaya lakhe.√
Kuba wathi naxa sele ebuyile uFanabekho wamhombisa ngokumthengela impahla entsha efuna ukuba abuyele kwisimo esisiso ukuze ahoye ikhaya lakhe.√
Kuba uMakheswa umyalela ngemisebenzi efuna ukwenziwa phakathi kwekhaya enjengokulima intsimi yakowabo kunye nokulanda iinkomo zikanina ezazigciniswe eMzimkhulu ngeenjongo zokumenza ukuba abe noxanduva aluthathayo kokwabo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.8 Kukuba wayengasebenzi eTinarha koko wayengumguvela wokuqala nowokugqibela√√/ kungokuba wayezenza ingcibi.√√ (2)

6.1.9 Yeyokuba ubomi bokuziphatha kakubi abunambuyekezo√√/yeyokuba ukulahla ilifa eliyimfundo kulandelwa kukuzisola√√/yeyokuba akulunganga ukuzinikela kubomi bokuphalala.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2 **ISICATSHULWA L: 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

6.2.1 Zazithatha izinto zomzi wakhe ekhona.√
Zazihamba ngokukhululekileyo ukungena nokuphuma emzini wakhe.√ (2)

6.2.2 Sisifaniso.√ (1)

6.2.3 Kukubethwa kwaso ngamadoda aseDikeni emva kokuba sidutyulwe eqatheni.√ (1)

6.2.4 Ngokuthi atsho akwazi ukuhlala ngokukhululekileyo emizini yawo emva kokudutyulwa kwesikrelemnqa nguMaqhazolo√√/ngokuthi aphinde azive ekhuselekile emizini yawo emva kokudutyulwa kwesi sikrelemnqa.√√ (2)

6.2.5 Luzobo ngqo√ kuba kwa igama eli lixela phandle ukuba kuthethwa ngabantu abaziindlobongela, ezenza ubukrelemnqa ngolunya nangesinyalumani√√/ luzobo myana√ kuba izimo zazo zityhilwa ngegama ezinikwe lona loba zizibhovubhovu.√√ (3)

6.2.6 (a) Yimpixano yangaphandle.√ (1)
(b) Ngokuthi esinye seziBhovubhovu zaseBhayi sidutyulwe sivuthuluke iqatha√√/ngokuthi sibethwe de sikhubazeke.√√ (2)

6.2.7 Kuthiwa sasisele sinomnqweno wokudibana nezinye izikrelemnqa ezazise kwikhondo lobukrelemnqa sizilumkise.√√ (2)

6.2.8 Libali elingolwaphulo-mthetho√liveza ingxaki awayejongene nayo amadoda aseDikeni ngenxa yobusela obabusenziwa zizikrelemnqa zaseBhayi ezazingena ngenkani kwimizi yawo zizithathele nantoni na eziyifunayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye**

7.1 **UKWINDLA – Z Mtumane**

7.1.1 Lisixelela ukuba abantu balihloniphile eli xesha lonyaka√/ bayakuvuyela ukufika kweli xesha lonyaka.√ (1)

7.1.2 Yimfanozandi.√
Kukugxininisa ukuba abantu bayakuvuyela ukungena kweli xesha lonyaka√/ukuba kudala bekulangazelela ukufika kwexesha loKwindla.√ (2)

7.1.3 Sikubhotisa.√
Sikwamkela.√ (2)

7.1.4 Sahluka ngokuba istanza sesi-2 sithetha ngokwahluka kwemozulu yexesha laseKwindla kweyaseBusika neyeHlobo√ kanti esesi-3 sithetha ngendyebo yokutya ebakho eKwindla kwabo bebesebenze nzima balima eHlotyeni.√ (2)

7.1.5 (a) Lubaxo√/lubabazo√/lugqithiso.√
(b) Sinika intsingiselo yokuba ngexesha laseKwindla umntu uvuna ngokokusebenza kwakhe.√ (2)

7.1.6 Kukugxininisa ukuba nakuba ixesha laseKwindla ilelentlutha umntu uyayisebenzela loo ntlutha akayifumani nje√√/kukuba ukuze uzuze indyebo yentlutha eKwindla kufuneka usebenze nzima√√/kukuba intlutha yaseKwindla ayizi mahala, iyasetyenzelwa.√√ (2)

7.1.7 Kuphuhlisa ukuba akukho hlobo lwasilimo singavuthwayo eKwindla√√/ukuba iintlobo ezininzi zezilimo zivuthwa eKwindla√√/ukuba kulixesha lendyebo nentlutha eKwindla.√√ (2)

7.1.8 Isimo sentlalo.√ (1)

7.1.9 Imbongi yonwabile√ kuba isebenzisa isincomo esithi, 'xeshandini', isigama 'siyakhahlela' 'siyakwamkela' kuba mnandi√√/isebenzisa isigama esizoba imeko entle eyonwabisayo ikwachaza neemeko ezilulonwabo neziyinzuzo ebantwini ngeli xesha.√√ (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **ENXUKHWEBE – T Mabeqa**

7.2.1 Yindawo esikuyo.√
Bubume bendawo esakhiwe kuyo.√ (2)

7.2.2 Yimvano-siqalo.√
Kukudala isingqisho.√ (2)

7.2.3 Yeyokuba sibe luncedo kakhulu kwiilali ezikufutshane√√/sibe lulutho olukhulu kubantu beelali ezikufutshane.√√ (2)

7.2.4 YiNxukhwebe.√
YiTyatyorha.√
Yilali yakuNgwevu.√
Yilali yaseMaBheleni.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.2.5 Yimfundo.√
Kuthiwa ngamanz' olwazi kuba ikholisa unxano lokufuna ukwazi ngokunika ulwazi, kutyhileke ingqondo njengoko namanzi ekholisa unxano.√ (2)

7.2.6 Yeyokuba kwisikolo saseNxukhwebe kufunde zonke iintlobo zabantu abaziwayo kwilizwekazi i-Afrika.√√ (2)

7.2.7 Njengomntu oyicingisisayo, eyihluza into ayifundiswayo okanye ayixelelwayo√√/njengomntu ongasuke ayamkele engayicingisisanga into ayifundiswayo.√√ (2)

7.2.8 Yinyaniso kuba kuthiwa iMbongi yesizwe yavusa imixhelo yabafundi ngezibongo zayo.√√ (2)

7.2.9 Imbongi ivakalisa uncedo olukhulu lwesi sikolo saseNxukhwebe kwiilali ezikufutshane.√
Iveza ukuba kuso kufunde iintlobo zonke zabantu abaziwayo eAfrika, kuquka nokaMandela, lilonke sikhuphe iinkokeli.√
Ikhankanya ifuthe elenziwe yiNxukhwebe kulutsha lwaloo maxesha olwalulapho ngokuludibanisa nokaMqhayi.√
Ithi xa ithetha ngemfundo efumaneka khona, ithi ngamanzi olwazi nto leyo ebonisa umgangatho wemfundo yesi sikolo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**